

Various customs
of the Zingo of
Umtata district

18 JUN 1940
Amasiko ama Mfengu

J.E. Makalimas
H. Sibonda
A13/2/40
K11/40

K11/40
S462
JE

birth
infant
burial
youth
mar.
circumc.
chief

Amasiko ama Mfengu angu mxube
wamasiko awo esayphethe elizweni aphuma
kulo e ntle kwa zulu, kunye namasiko
ahambile ewachola-chola kwezo zizwe athe
ekuchithakaleni kwawo aphilalala kuzo
Ngoko kulentkazo yamasiko ilandelayo
amasiko akubetha epana nawa na xosa,
nawa ba thekwa, kwakunge nawa na
Mpondomise ngangoko abachazi bawo
bekhulele phakathi kwezizwe.

Amasiko

Ukufalwa ko matwana -

Kudala ubethi umfazi akukhawula ku-
hlalwe inyanja eyontandathu kungekho nto
yenzwayo ngaye. Emva kweyentandathu
kukhona isicakathi emlanjeni nokuba kuse-
sixhotyeni. Esicakatha sibhandelwa
emanzini aye amane, ke, umfazi omuthiyo
esiphuzi, ithambo kusasa xa phika. Pambi
kokuba asel ngale asithi qhontsi pantisi
ukuchatha amaphuphu. Uusela ke njalo
ade abeleke

Le mino, ke, epa inimba yokubeleka
kungokelelwa abafazi babazalwane. Uthi ke,
akubeleka kukhona isiphutho (umniko-mbiba)
ehlathini. Ukhona yindoda, epha iwunike
abafazi. Unqunqwa wenzwe amacetyana
uze ke ubaswe kwelinyacala lomblezana
(umfazi onosana). Kusuka unina kungenja
ko uninakulu wosana athi, egale
ngokubingqa umontifi, abulhabathe usana
amane eluphosa kwesinye isandla
nakwesinye (throwing it from hand to hand)

Sibonda

27/6/40

over the fire) phezi komlilo nomsi wesisi futha. Mkwenzinje uyagonywa, ukumkhusele kwizugulo ngezugulo angadibana nazo 'nokuba sele mdala xa engazange agonywe.

Le nina wavela umntwana uphiwa kwesiga sicakathi sika nina. Emva koko kukhiwa esakhe sicakathi (njejane) esi-mkhulula isisu sikhuphe ijekezi eliya ebelincanca xa ebesisiwini sika nina.

Umdlala uhlala intsoke zibe lifuni efukwini. Zakhuphela kwenziwa utywala obu lincane amakaya. Kuxhelewa ibokhwe, isikhumba sayo sisitwayo silungiselwe ukuba umina abeleke ngaso usana olu. Obutyalwa nalenyama butyiwa ngabazalwane baloomzi.

Umfazi omuthiyo akanakutya ikuzelayo ngaphandle kokuse angakucaceli yena ngokwakhe kuba emithi. Xa kubaqwe ingwe ehlahini kukho abafazi abamuthiyo abafazi abamuthiyo bayafaxiswa kuba ingwe yzakuba nenchwangu. Kangukuba ikufuneke nokuba umntu atha akuba wumba lamasi ehlahini atha "kunuka amasi" kuthiwa uba nobuxalazume yeloo nto kakhulu.

Xa umfazi enzima indoda yakhe, ukuba ibe inqumthemu wempahla, kufuneka ingumame kuba kuthiwa inobufufu; impahla iyakopha qgitha, ife. Njengokuba umfazi omuthiyo efufu ne ndoda yakhe kuthiwa nayo ifufu. Umfazi xa enzima akanaxelelo sokudibana ne ndoda yakhe. Uhlala emyeni wakhe. Umfazi walelwa ukuba adibane ne ndoda xa ase xefuni. Ukuba umfazi onzima ukhaneke izinto ezingekho

zuyazanywa ukuba mazibekho.

Ukuba umfazi uzala amanombazana odwa nyamisela liggira ukuba azale amakhwenkwe. Ngokunjalo ukuba ngaba uzala amakhwenkwe odwa kube kukho omngqwenso wokuba azale amanombazana. Kodwa loo mngqwenso wamanombazana awumkhulu njengowamakhwenkwe kuba igama le ndoda liginakala ngomnombiso wamakhwenkwe. Unyanqwa engakabi nzima ukuzi athi akuqumka amithe inkwenkwe leyo ifunwayo. Umfazi unako, nanamhlanje ako lamayeza aloo nto, ukwenziwa amithe inkwenkwe mhlawumbi intombazana ngokuthanda komntu.

Ukudibana pendoda okukanye kuyenza ukuba umfazi ngakumbi intombi, amithe. Ukukho ndoda inokukhanyela ukuba umfazi umthiwe yiso, ngesizathu kuphela sokuba gadibana naye kwakanye. Inyanqwa zokumtha zolithoba, abeleke kweye thoba. ngamanye amaxesha xa engedampile umfazi uyazala nakweye jumji, mhlawumbi ngeneno kwe thoba, kweyesibozo. Kubalwa amagaga enyanga ngezizo iintuku zenganga ezi zesilungu.

Xa isisu sinxhamele ukuphuma, umfazi ubingqa ngoluzi mhlawumbi umzi obolthelelwe iyeza lokusunganda ukuba singaphumi. Xa, umfazi, selisondele ixefa lakhe lokubeleka, ubezilingise lela izifuba zemfele zamatakane, ayakuphatha ngazo wana. Kodwa eziyinto ubezifihla zingaziva mtu.

Kuba kucingelwa ukuba ukuphuma kwesisu
mhlawumbi ukubeleka into engekhozo kwenzi-
we kuba nonfazi utibe umkhondo we
silo esunje nge chanti lo nto ayikhuphileyo
ayincwatywa emachwabeni. Indizwalywa
ngase kuthuthwini kulandawo kuphekelwa
kuyo kuba njalo nokuba umntwana utibe
umnia esese fukusini. Ukuba umntu uyaga-
la ukubeleka izinto ezinjalo, ukubeleka
into engekhozo mhlawumbi ukuphuma
isisu, kuthiwa "ukhaleka umbilini." Aku-
funeki ukuba uzizilele.

Uvana esisweni lucaca kunyanga yesi-
hlana ukuba lungumntu. Luthu ukuba
kuphume kuloo nyanga kuthiwe ukuthethwa
"Ubesele yilini ukuba ngumntu," selebona-
kala nokuba ibiyintwenkwe nokuba ibe
ngumntu iyintombazanana.

Abantu abakohlakeleyo bayasikhupha
isisu ngamagqizi amaxhwebela. Ibe ibe litipala
elifanekela ukuphuma akuphanyiswa pumtini okhuphe
isisu.

Nonfazi ubelakela emkhonkweni yakhe, alala kuyo
pantisi emhlabeni, ukuzi akugqiba ahlale
elukhukweni, lwe sicamba esenzuwe nge-
chankcasi. Indlu enonfazi ongumndlezana
ixhonywa amahlaloni entungo atha ke
abonise ukuba kukwa ndlezana. Amadoda
akangeni kwa ndlezana de kuphele ezentsuku
zilijumi. Indoda yonfazi nayo ayingeni
kwa ndlezana wayo ngamanye amadoda.

Njengoko indoda ingadibani nonfazi wayo
xa esexefeni nava ebelakile ayadibani naye
de amlume umntwana. Umntwana

endaweni apha

Amawele ayawungelwa. Akhangelwa nje
ngomantshi omnye. Luthi ukuba liyagula
kuthiwe liyazenzisa. xa ezelwe kumbona
umthi, umhlontlo, umiliselwe ecaleni
kwendlu, usitholana esuncinane ukuzo
ukhule nawo. zitholana zalomthi ziba
ngangamama lama wele. Amawele amane
ehlangelwa phezu kwezitholana zomhlo-
ntlo.

Uthi unina xa ephuyile efukweni
akhuthelwe ukomo yokusengela ama-
wele. Elo thole la loo ukomo liphawa
elo wele lizale lavela nokuba liyinkwe-
ntwe nokuba liyintombazana, akukho
sizathu sazokayo sokuba amawele nezilima
zibanqwa yintonina. Yazwa nje le nto
ngokuba yindalo nje ka Thixo.

Umfazi akuba ezele wenzelwa umbingo
wokubapha sisiv ukuba abuyele endawe-
ni yaso. Mndlezana uphekela ngabanye
abafazi sisidudu eudla ngokuba sesama-
zimba. Phofa beza neudlana bazokuyphekela
apha kwa mndlezana ngenkuni ezazithezwe
ngumndlezana ngexa awayesamthi. Kufu-
re ka ngoko umfazi azilungiselele lise
kude xa lokubeleka.

Usana lubatshelwa ikhubalo entange-
ni ukulukhusela kwimimoya eculileyo
(evil spirits). Uthi unina ukuba ^{ebe} phe-
waphuma phandle, akuye alume kwe-
likhubalo amane amlekeze umntwana
ngalo okokukuthu ambile ngalo; Uthi
amthabathe amdlulise phakathi kwamatho

5) onkwenk!

nga akhe. Ukukho nto yenzwayo ukuba-
 haka ukuba umntwana uywile
 infesane. Izidlo zenzwa ngosuku lwe
 fumi mhlaba umdlezana aphumayo ephakini
Umntwana-

Umina wosana uyazibekela usana lwakhe
 de lomelele inkaba phambi kokuba angaba
 nokulufiya kubantwana ukuba balucine
 Isikhumba esi abekwa ngaso esukwa
 nokuba ngubasina okwazayo ukusuka.
 Ukukhula ngelinye amane egalala intwana
 yamazwi ukuba sithambe esixikisa
 ngezandla sibe sithambe.

Ukuba usana luse noyise- mkhulu ibokhe
 yokushelwa ikhuthwa nguye. ukuba
 abusenayise- mkhulu ikhuthwa nguyise.
 Uyise- mkhulu nye ayithethele amazwi
 athi- "Ke njengokuba ukho apha kulomzi
 ngala ukutya, sithi ke nantse into
 omawungale ukutya ngayo. Buyabulelwa
 ukukho bakho." Ngelisefa ke kuthethwa
 lamazwi ikhwe le ivelile ngentloko
 apha kwanmdlezana

Usana lubhunjwa ngamazwi afuduseleyo
 kuosa nokuthona kwelanga. Lakunika
 usana buyancandawa. Abumiselwa xefa
 lakuncandawaye lusezwa nesicakathi.
 Esya sakhiwa mhlaba kwazalwa. Lulaba
 nonina kodwa ke ubhekela nganyana
 kunye kwaphantsi kwale ngubo ayambethezo
 ukwenzela ukuba angalucinezeli.

xa ecala ukuzala umntu uyazininwa
 kakhulu ngabafazi asebe badala ukuba
 angalufikeleli usana.

462

Umfazi xa engenonasi umntwana utyiswa
 abele lika noma nesicakathi kugalelwe
 kuso amasi enkomo; ingabelulo ubisi
 lwenkomo. Ukisi belungaxatyiswa
 lungengawa amasi.

Umntwana akanyiswa komnye umntu
 unina ekho. xa ebule unina ubenikwa
 omnye umfazi (idla ngokuba ngunina-
 khulu) nokuba ngaba lo mfazi akanamntu
 na. Wolu akamanyisa asuke amabele
 ngoku beselabunle abonxe, afake imva
 kwemihla embalwa aphume amasi, oudleke
 umntwana. Umntwana ufundiswa
 ukuhlala, asekelwa ngezagabo, kwa zise
 ntathu inyanga. Kuba unyanga zphamba
 sefundiswa ukugaq ngokubekwa
 kwezinto ezimontsalane phambi kwa
 mehlo akhe. Ukuba uthi ke akugaq
 afundiswe ukuma ngokumane ephakany-
 swa ngezandla, ayekwe, abanjwe xa esiwa. Uya-
 khuthazwa ngamazwe alhi "Wema yedw"
 umntwana. Ukuma ufundiswa ukuba-
 mba ngokwe kikelwa abanjwe, ngezandla. Alhi
 ukuba umntu anikwe into ayakulhi vkuze
 afake kuyo aquse unyawo. Le mfundiso
 yenzwa mashla yonke yaye ikhuthalelwe
 ngabantwana aba sebe badadlana kuba
 bayakuthanda ukudlala nomntwana
 osafundayo ukugaq nokuma.

Inyabano zabantwana aseke badadlana
 zabanjwe, baye bazizisa kubazali abalhi
 baziphendule, besohlwaya apho kuyimfa-
 nelo; baluleke apho kufuneka baluleke,
 bathuthuzele kwabalilayo boniwe.

Mandulo bekungaphelakanga zifo zizizane
 bantwana bodwa ngokwahlukelayo kwezo
 zibakhozo kubantu abadala. Umntwana
 mhla agalayo ukwelisa amazinyo kuthiwa
 uphuma amazinyo. bekulu xa kugale
 awangentla kuthiwe intloko yakhe
 ithambile kuba isiqhelo kukuba kugale
 awangezantsi xa umntwana, amazinyo
 engaphumi ebentiyiswa amatantiyisi.
 Amatantiyisi zinkozo zomthodla ngoku-
 fumaneka ngasebandle.

Ibe ingekho into yokuba umntwana
 oflwe ngumama abancisiwe ngumntu
 angazalani naye, ngoko akwazeki ukuba
 bekungakho bubobo bunina phakathi
 kwabantwana abancisiwe ngumfazi
 omnye kodwa bona bengazalani.

amasiko enziwayo ebantwaneni bonntu
 agafana kude kunye kowokugqibela. Into
 eyibukayo ngamasiko emizi - ngemizi
 ngokubizwa baloo mizi.

Umntwana ngale amane eteketiswa
 ngokuthiwa ngu ntamkama kodwa ke
 anikwe igama nguyise nokuba nguyise-
 mkhulu. Umntwana ebengathiywa
 ngezama laka yise mhlawumbi laka
 yise mkhulu kuba lamagama aya.
 hlontlha ngabanye abantu, akabizwa.
 Umntwana ngoko ube thiywa ngezama
 elinokubizwa ngabantu bonke. Belikholiswa
 ngokwelatha isici esenzekileyo ngera loku-
 zalwa kwakhe mhlawumbi phambi koku-
 zalwa kwakhe oko mzekelo le mfazwe ka
 1914 welise into eninzi yo "Nomajimani"

Kaisar, Kitchener, nabanye abantu ababe
 ngo^o naaba mlonyeni ngeloo xefa. Ukuthiywa
 kwegama akulindlele mangqena; lowo uluthi
 yayo nyamnika unina nokuba ngedwa
 abanye beve ngokuselelwa. Igama ali-
 nikiweyo unntwana aliguqulwa
 ngaphandle kokuse adunyelwe nje sin-
 teketiso nokuba igama lesigqulo ezithi
 nangona zibizwa ezonto kungatshwisi
 ukuthiwa ngawona magama akhe
 lawo. Abazali bona abasibenzisa isigqulo
 basebenzisa elona igama lomntwana
 kungesipho siteteketiso abamnika sona.

Xa selemdala uyalunikwa ngamanye
 amakhwenkwe elawo lobukhwenkwe, naxi
 selethe wangena elufaneni uyalunikwa
 ngabafana elobufana. Lawo magama
 abizwa zintanga zakhe ezo phaya ezi-
 mbuthweni zabo. Apha kowabo akase-
 tyenziswa. Kaxa sele yindoda enkulu
 angalunikwa ngamanye amadoda
 igama elombongayo mhlawumbi
 elesigqeko esenzo sakhe. Onke lamagama
 akasetyenziswa ekyayeni lakhe. Waziwa
 ngeloya gama wanikwa lona ebuntwaneni
 bakhe.

Imfundiso ebantwaneni

Amakhwenkwe aselula asebenza
 ukwalusa amathole. Amanombazana
 afundiswa ukukha amanzi kugqala ngez-
 tyana eyincinane ebamba noonina kude
 kunye kunyukela ngokukhula kwawo. Ancedisa
 sonina ukukhwezela isibiza, nokuthayela
 izindlu, nokusinda izindlu. Imidlalo

yanaklwentwe kakhonxa udongwe esenza
 inkomo, iibokhwe, neenyamakazi zondongwe.
 Amanombazana ebe dlalisa ngokusila
 umhlaba ematiyeni elungiswa ovuna
 xa besila, eseny nabantwana bodongwe
 idlalise ngokubacina ijengoko ovuna
 besenjalo ukucina ezabo umbana.

abantwana bebefundiswa ukunika imbeko
 enkulu kubantu abadala kunabo; ukuba
 nobebele, babetane ngezinto nabantwana
 abangendayo. Umona ube uphelelwa ngo-
 kuthe abantwana batyiswe sibye sibye
 nokuba ukuya kwanzi nokuba kuncinci.
 bebefundiswa ukuthembeka kakhulu
 ezintweni zabantu nokuthumakalala xa
 bethunywa. Abazali nabantu abakhulu be-
 mnye umzi bebengabacini bezenzo zabu-
 ntwana ukuzakhangela ukuba zipanelekile
 bezohlwaya ezungathungo khona kungenjalo
 baselele abazali baloo mntwana othi yena
 amohlwaye xa efunene ukuba wonile.

Amabaka Amakhwenkwe - Amakhwenkwe
 alha eselula aphondlwe ngamadala kuma-
 wo aye emveni koko aqhawuke umthungo
 Umthungo iqhalwulwa ngokugqoqizwa ngelwa
 lomthi kufakwe izathambo zenkomo ku-
 qinwe. Ithi ke buyana iqhinelwe
 ngamandla ibole, iqhawuke

Amanombazana - Amanombazana akana
 mfundiso ngobunkazana bawo de afike
 kuthuba lokulandela ixefa. Lungekapke
 elithuba afundiswa nje fukuqofela xa
 ehleli angabentleli abantu. Iento ke
 iqeqe lwu gadalala de umntu oye-

Intombazana yafunda ukuthi butya xa
 ilobane ngazunganga konke loo nto.
 Intombazana eba hamba ze ngaphandle
 ka-ntsha suet inkciyo eyenzwe ngo-
 nkhwintu.

Intombazana mhla yaya ekefeni, ihlalawa
 endlwini yaya kuthiwe ithombile.
 Amasi yawayiba xa ithombile; ingabona-
 ni nasandu abakhulu. Ibangamantombazana
 nabafana abayayibakadlu 'ihleli' kuyo.
 Lo ndlu kuthiwa kukwa ntojane. Kuloo-
 ndlu ikuyo kwandlala incha ekuthiwa
 yi nkxopho. Intombi leyo ithombileyo
 yenzelwa ukhuzane weentoko. Ithomba
 sinyanga nduka zimini.

Mhla ingeyayo ekuthombeni kubanjwa
 abokhwe ibalwe ukwenza umugena-
 ndlwini. Ewa koko abafazi baba senku-
 ndleni bengqaza (bengqungqa). Kuxhelwa
 abokhwe yaba ekuthiwa yeye ziphipha.
 Iphakwa ngamntu oyintombi yaloo nzi
 bodwa usele yinkazana. Iyawa ngabafazi
 bodwa.

Ewa koko kwenzwa umgidi walywala
 kuxhelwe inkomo mhla yaphuma.

Xa intombazana usele imweli ziphothwa
 ngaphambili kuptela, apha phezu kwe kunji.
 Yakuba ithombile, ngakoko iphikile kuthuba
 lobuntu obudala ebuntombini ziyayekwa
 ezingaphambili kiphothwe ezingemva ekuthi-
 wa sisicholo. Umphotho wenweli ezinga-
 phambili kuthiwa saraqqa. Yakuba
 ngempaze iphotha zonke imweli zentloko
 kuthwe lomphotho ngu Nyaba.

Xa intombazana izakwenzelwa umgidi
~~kugale~~ kuyokubikwa eukosini ukuba
 intombazana izakwenzelwa umgidi wokutho-
 mba kwayo ngokwesiko. Yakuba intombazana
 sthombile iba nentsi ezigelayo njenge nibilini
 yeempahla. Mhla yaphuma shamba
 namantombazana onke kuyo kublanjwa
 emlanjeni.

Ukuzeka — Xa umfana efuna ukuzeka
 ubekisa kuyise athi: "ndicela umfazi bawo."
 Uyise umkhombisa umzi awuthandayo athi
 "hamba uyokukhangela intombi ka bani"
 ebriza igama lomfana amthandileyo. Maxa
 wambi uyise womfana nwuthanda loo
 mzi ngenxa yabazali bawo, isimilo sabo
 mhlawumbi ubutyebi bawo, maxa
 wambi ukholwe yintombi leyo gaqa
 ngobuhle bayo mhlawumbi ukukhutha-
 la kwayo. Xa umyana wakhe emthuma
 kuloo mzi akatsho ukuthi makabe nento
 ayibethayo, uhi makayokuyikhangela
 intombi leyo ukuba uyenela na yayo.
 Uhi ukuba wenela yayo, uyise womfana
 aye kuthetha noyise wentombazana
 phambi kokuba athume onozakuzakw.
 bakuba bevene ke ngoduka ayokuthuma
 amadoda awanyulileyo ukuba ayokumcele-
 la ukuzalwa kuloo mzi wakulo ntombi
 ngonyana wakhe. bathi ke bakuvunywa
 kukhutshwe iinkomo ezimbini zobuso
 bentombi, eziphiza ukuba abakulo ntombi
 beze noduli. Ikhazi lona libotyelwa
 uduli selulapha kuloo soka. Abakulo
 ntombi beza beqhube ayabo inkomo

ukuthiwa yimpothulo. Le nkomo bafike
 bayishela, bayicande kubini. Elinye
 icala lya kulo soka elinye lifike
 eluduleni. abo kulo soka nabo baxhela
 eyabo inkabi ethi nayo yahlulwe kubini
 elinye icala lye eluduleni elinye
 lifike kulo soka. Phambi kokuba
 kwenzwe ezi zisusa kuye kubikwe ko-
 m khulu kuthatyathwe imvume yakhona.
 xa le nkomo yempothulo ingekho abo
 kulo ntombi baxhela isizathu esibange
 ukuba le nkomo ingabikho kuba bayayazi
 ukuba elindelwe ukuba ibekho. Sithi
 sakuvwa isizathu kuyekwe kuba
 ayichithi kwelamana into yokungabikho
 kwayo. xa kuzakuhlathwa
 inkomo yakulosoka kufuneka abakulo
 ntombi bekho, bakhuphe umkhonto
 wabo ukuba ihlatjwe ngawo emveni
 kokuba beyalathisiwe. Ngezimuni
 abantu bangavunyelwanga ukuba
 bahambi bephethe izikhali bakhupha
 imali esukela kufelene ezintandathu
 kuye ku fumi lefeleni, rikuze ke
 abakulo soka bakhuphe owabo umkhonto
 wokuyihlaba.

Ngenini yokuthata ziyaphuma iintombi
 zinxibe iintsimbi zo dwa zingambathanga
 ngo nto, ngaphandle kwale ngu-
 mtshakazi ethi yona ibe nesikhakana
 sofele le bokhwe & ngaphantsi kwe-
 entsimbi. Ngezimuni zonke iintombi
 ziba nemibaco phantsi kweentsimbi.
 Mtshakazi wahluka ngokuba eyakhe

umibaco eba mitfha. Lo ungentla
 umzamba awambalusiwa nangezomuni
 u mthiswa ngeentsimbi zo dwa, uze
 ugatjwe umdrki. Ziphuma iintombi
 zikroze, zibeke enkundleni, ziyokuma
 phamb kua madoda. Zakuba ziboni-
 we zibeka ebafazini ngase zindwini.
 Zifuya enkundleni yuma lezikhali
 (Ngezomuni eba lifoni leeponti,
 kodwa nokuba akhuthfwanga umtshato
 wona ubekile). Ukusuka
 ebafazini zija kwasendwini. Pamb
 kokuba kwenzwe yonke lento yo-
 mtshato kuyabekwa komkhulu.

I. Komkhulu likhupha abantw bokuya-
 kukhangela eso sisusa. I Komkhulu
 likhuthelwa inxaxheba kwezinyama
 zixhelwaya - isixhanti - kunye nelaba
 lotjwala. Ilaba yibekile eyenziwe
 ngencha ekuthiwa lilala. Eze zipha
 zija komkhulu zibu bungqina bokuba
 lo mtshato ubekho. Nasezinkundleni
 iyathethwa yengobungqina into yokw-
 umtshato wabakho kuba ne kha
 Komkhulu uyisekwa inxaxheba.

Umfazi mntu atshatayo uza nempahla
 yendlu yakhe nezokupha ikokwabo
 lo mfana ongumyeni wakhe. Phamb
 kokuba umtshakazi angene kokwabo
 bekufakho intsimbr esiwa kokwabo
 esisipho kokwabo. Bengetemki abantw
 abayise umtshakazi kuswa kw
 mtshakazi ibokhwe ekuthiwa yeya-
 masi. Iyaxhelwa ityiwe. Loo nto ke

yenza ukuba makawatyane amasi akulo
soka. xa ingaxhelwanga akanakuwatya.
Ukwaluka kwa Makhwenkwe -

Athi xa amakhwenkwe afuna ukwa-
luka ayokuzicela ngokwawo mvrume
komkhulu yokuba aluke. Ithi inkosi
yakuwawumela embe iswadi azomise
Ezi swadi azaphila endle apho angavumeli
mntu usondelayo. Afuna neemfele ezi-
thungwa zingwe iingubo ayafenza
mbatha esuthwini. kwenziya umagidi;
kuxhelwe neebodhwe zokwanchanisa.

Abantwana be batya lemunchamo kulenzana
zonke, bayakugqokelelana kulo mntu
suthw apho bayakuhlala, badle, baguye
kude kuse.

Isuthw, mntu azakuhlala kuyo ama-
khwenkwe, lakhiwa le mini kwakusa
esaluswa ngayo amakhwenkwe. Lakhiwa
ngezintu zemithu egoba lula, lifulelwe
ngecha ephume kwangalo mini. Laku-
gqibizwa ukwakhiwa kuhlala ikhathakatha
elilala apho ukuze ligcine ukuba
lungathakathwa ngamagqwirha logama
amakhwenkwe angelangeneni. Inchihi
ayakwalusa amakhwenkwe, ifika apho
esuthwini ekuzem kokusa, walindlele
apho. Yayihlawulwa ngomkhonto
kudala, ngoku ihlawulwa nge
jeleni (4) yinkwenkwe nganye. Ekuseni
amakhwenkwe ayandululwa phaya
emgubeni. Aya emanzi emangwe
ngamadoda, afike ahlambe imizimba.
Ayabuziswa emangwe njalo, afike akreliwe

ecaleni kwendlu, ahlalisiwe phantsi. Ahlali-
 swa ngokhlobo azakusikwa ngalo yinchibi.
 Kungalwa ngesekela lo mnum-suthu
 kuziwe ngomnini-suthu. Emva koko
 alandeliwa ngokuhlala kwawo obungena-
 bucalu-calu bokuba ngubanina omakala-
 ndele ukuhlala. Akuba ehlalisiwe kuthi-
 wa - "Makaphume uthikolofe ezingcongqo-
 lweni." Kuphuma inchibi wasike ngo-
 mkhonto. Ithi yakugqibisa inchibi ukuyisa-
 ka inkwenkwe ithi kuyo: - "Yethu ndiya-
 ndoda" Kuphuma ukuba inkwenkwe
 ithi ngowayo umlomo ukuthi iyindoda
 yakuba inkwenkwe yalusiwe uyise
 ngalithatha ngokwakhe ijwabi layo ali-
 gqine ukuzi alimbele esidulini kunge-
 kho mntu umbonayo. Yakuqonda
 inkwenkwe kulandela ikhankatha laloo,
 inkwenkwe liyibophe ngeswadi liyitha-
 ndele ngofele le bokwe ekuthiwa litjiba
 Phambi kokuba ibatshwe ngeswadi ku-
 galwa kuphetshulwe usiko lejwabi elinga
 phantsi lijongane usiko lwalo nosiko
 lwelinge phezu. Inkwenkwe esikwe kakuhle
 iphila ngokubhangana kwezintsi, kuthiwe
 "idibanise ngeentso." Daga Idla ngoku-
 dibanisa ngeentso ezingaphantsi kwezibozo
 ibe iphilile mpela. Dikholiso ko dwa iba
 nezinyenze ezibanzi ezingadibanisi
 ngeentso. Ezi zisetyenzwa ngokubalshwa
 ngezichwe ezibala ubuzaka zisigeme
 nezinyenze somile. Ezi zinyenze zithaba-
 tha isifa ehde ukuphila. Zifuyana ngo-
 banzi ukukhawuleza ukuphila, nange-

okuthalo ekusetyenzweni kwazo. ukuphela
kwazo kuthembela ekugcinweni kwazo
zingerabuzaka ukuzo kukhale injama
entya yokusadabanisa ekuthiwa yemikwa.
Inkwenkwe ephila ngokubhlobo kuthiwa
" idabanisa ngemikwa ". akuzqitywa
ukusikwa amakhwenkwe angeniswa
endleleni yawo, isuthu, ahlale kwangoloblo-
bo ebehleli ngalo xa aliswayo. Amakha-
katha adla ngokubizwa mabini xa ama-
khwenkwe aligqala ukuzo athi xa cwabo
pha abululelale phakathi ukubolhwa
kwanakhwenkwe kugalelwa kwakwelocala
inchara ibigale kulo kubandakisiwe
kwangolobhlobo.

Okweentsuku ezisiboze akulalwa apha esu-
thwin kubaswa umbalo njalo emini nase-
busuku. Amakhwenkwe kufuneka ahlale
ngempundu engqinyane ngodonga lwesuthu,
akhe isathanga. Yenzelwa lento ukuba
angazicinezeli izinyenye. Waxa lifikile
ukuba lokuba inkwenkwe ibale, ilala
ngomqolo, ingxongxe ukuzo engazibutya-
zo ageniwe ngoswazi ukuba ayibulamele
lemithetho. Inkwenkwe elithongoya esuka
izibutya izibethwa, ethu ukuba aywa
yenzelwe umjengo wokuxhoma omnye
umlenze ukuzo ingazicinezeli esi-
nyenyeni. Amakhwenkwe afundiswa
ukuzibopha qho. Amakhankatha kufu-
neka anga dibani nantkazana konke.
Umntu kufuneka angayi nakumkakhe.
Amakhwenkwe alukileyo kuthiwa
ngaba khwekha. Aba khwekha kufuneka

bawakhlonphe amanye amagama azintu.
 batha ukubiza umntu obingileyo "hggwathu"
 umoya "yentlengethwa", amanzi "nga macamba"
 impukane "yi ngezela" njalonyalo ke. Ngazi-
 ntsuku zisishense aqaba udaka. Ingcete
 ayiqaba emva kweentsoke ezisishense. Zakw-
^{phela}
~~faka~~ untsuku ~~ex~~ ezisishense ayosiswa.
 Oko kukulhi umntu-uthu uza ne
 lokhwe awaxhelele amakhwentwe. le-
 lokhwe ixutywa nezikhwebu zombona
 omfha ogqogqosweyo ukuba abemnyama
 Kosiva unyanana likhankatha lize liyi
 ngunye, uyibete phezu kwehlanon eli-
 nameva. Umantla ke libangantisa
 abakhwetha bamalungwana ale nyama
 ngelihlanon. Kufuneka bayigange
 ngenilomo. Uku ukuba unsondeze
 gqitha unlomo ablatywe ngameva,
 alu ukuba ukude gqitha ayiphose
 we emhlabeni abe engayukulthatha
 ngasandla. Ungale nina akufuneka
~~ndoda~~ isondelayo kuthwina ebete
 yadibana nenkazana. Ithi ukuba
 ibe ethanda ukubonela ufike imele
 gama phaya. Ungale nina abakhwetha
 bakululekile ukuba bene akq xa
 bahambayo, bahamba-hambe ukuzi-
 funela ingcete, nokuzingela rintaka
 ne nyamakazi, nokuzifunela ingcete
 elulwalweni. Kodwa bayalwa
 kakhulu ukuba bakhlonphe abantw-
 abangabafazi. bathi besakubona umpazi
 bagqubuthele. Abakhwetha bebek ukwa
 njengama dodana azakulwela ~~na~~ elizwe

K11/40

akuphuma. bebethu nokuba babambe ibokhwe
yomntu bengayiphwanga bayiya, banga
banjwa ngalyala labusela. Umuntu bokhwe
ubesuka ayekungxola nye kungekho nto
phofo ayakude ayenze. Bekuthwa aba-
khwetha baqibela iimpetho zokuthwe-
nkwe.

Xa abakhwetha beyakucela inyama
emzini baphe bahlale ezantso kothango,
babethu into ikuzayisa ukuba bakho.
Kuthungwa inkwenkwana nokuba yintombi
zana ukuya kubuza ukuba ngaba bafuna
ntonina. Bayayisela into abayifunayo
balu ukuba bayayiphwa kuthungwe kwa
inkwenkwana leyo ukuba ibambe ibokhwe
ethile (bebedla ngokuphiwa ibokhwe). Ukuyi-
mntu indaba kubo. Naloo bokhwe isiva
yiloo inkwenkwana.

Abakhwetha baphekelwa ngumntu oyintso
zana imblawumbi intombazana. Kuphe kwa-
kuya yonke imazi eyalusileyo kude kupha-
thelele ezibhlotiyeni. Ukutya kuba yimfutaba
ebakhwethem bengenakukugqiba. Kubalapho
mhwana ezimweni zamakhwenkwe zalu-
sela ngakona ukuse zimane ziyaneh-
sa kwezo ntshyekela zokutya. Kuntantku
ezisixhenxe zokugala baphekelwa umphe-
koghho wamazimba ekuthwa ukubizwa
ngu bufu. Emveni kwezintantku baphekelwa
yonke iintlobo zokutya eyitywa ngabantu.

Kwakho kwezintantku zokugala zise-
xhenxe amanzi abawaseli. Xa umkhwe-
tha ebonga luxano wenze lwa amanzi
agalelwe umhlaba kakhulu aze amfifi

the loo nto .

Kwa ngezintleku zisixhe
khwentkwe abe namantombazane
(hearts) ayaziselwa iziphso
ri tea-spoon nezinye izinto zokutshala
nokutyela.

Abakhwetha bakuphila bayaya emantombazane
nem abo bametjhe. Kodwa ukuba unshamile
waya engekaphili nyabluzuka nze ke ngoko
abuyele ekusetyenziseni ngamandla nge-
zichwe. Izichwe ziyaluma ngoko bayazi-
gina emantombazane de baphile gethe.

Akuphila amakhwenthwe, abe nangeka-
phili abenokuzibopha, ab amakhankatha
ayakhubuleka ukuba aye emkhayeni
awo, alale khona, amane awaphangela
amakhwenthwe inkqubo yawo ngexesha
lakusasa. Endaweni yabakhwetha akusonde-
li malu ubungqeleyo. Ngoyse ukutya umela
ngama akhwaze aye akubeki apho kusaku-
vela amantla zokukhathatha. Ka bevakalisa
ukuba balambile bakhalisa into nokuba
yintombi, kwaziwe ke ngoko ukuba
akukabikho mntu use kutya ebakhwetheni.

Mhla baphuma abakhwetha kwenzuwa
utywala baze bakhutshwe ngamado da.
Kuziwa neenkabi zeentkomo ukuzi kubethwe
ngeentonga apha esuthwini ngaphandle
kusithiwa, "makwedini, phumani." Aya-
phuma ke phundlu-phundlu. Aphuma
abaleke esinga emlangeni, efya yonke
into yobukhwetha endaweni apho. Kuba
zintombi zeentkomo kunye nawo ukuba
ziwajije. Ewa zigileyo apumana uduso lokuba

gimbalaki. Abungquba ukubhlamba aganggi-
 ngwa, bangqulwe iinkabi phambi kwawo,
 kuvamnye ingoma ethi, "Masye e-Nkuma
 ndeni aph'izwe lacola khona." Abamba, ke,
 ayokupka kwase Suthwini, apho afike
 adweliswe khona athanjiswe ngamafutha
 likhehle elidala elinamava. Lithabatha
 amafutha ephahla luwathi nyebi ngapha-
 mlali nangasemva, ehle ngomqolo ne
 milenze. Luyijiya leyo zithambisa luye
 kwenzwe, lenze kulo uto. Emva koko
 ikhehle elo lula ingubo yalo amane
 amakhwinkwe lawa edhula phakathi
 lomzimba wekhelle nengubo yalo ngemva
 leze litha xa edhula lizingalele apho
 esiswini ngampundu. Lokwagqiba ukuba
 jikelisa lithatha ingubo zawo lwambathi-
 se. Ezenguba ibe iba yizigqwelho yee-
 nkabi zeenkono. Ugeyiswini iba zinchawe
 zasemlungwini. Akuba ambathiswe aya-
 zigqibulhela intloko, kuze kuphume
 ikhankatha livanike iintongana zo-
 zingathi olukhiwe ehlathini, zokughuba
 iinkono aziphiveyo xa esokwa. Kuthiwa
 xa emkhaweni ezintongana, - "Kweduni uze
 ungabethi matu ngale utonga, uze uqhube
 iinkono ngayo." Ukusuka esuthwini abamba
 engqongwe libubw lamadoda ayoku-
 gena ebuhlanti. Afike alhi thande
 ebuhlanti apho, ahlale kude kuhlwe.
 Kwakuhlwa esiwa endlwini apho afika
 sekubaswe ejiko. Aphwa ukutya kwenzwe
 nge nthemayo ukonzo zombona. Alala kuloo
 ndlu ezinkukwini ezintfa. Uzitya atyela

kuqo zuba zetfha zibe zezengazange zetjale
ngaphambili. Asaphkelwa kwangabo bantwini
babawaphkela esesuthwini.

Ngemum elandelayo amadoda aqoke-
lana kulomninini-suthw. Amakhwenkwe
eswa ebubhanti, iyileyo iphethe ukhukho
lwayo. Kugala kuyalwe amakhantatha
ngokuba eziphethe kakuhle, akadibana
namankazana, abantwana baphela
kakuhle. Amakhantatha amkwa rzkha-
lu zokuwapoka dawo xa kusokwa
amakhwenkwe. Kugala amakhwenkwe
agalelwa utywala ejinyaweni yindoda
enkulu kungekho mazwe iwathethayo.
Xa ke esokwa amakhwenkwe ayayalwa
amane engotholwa ngokuthu lomkhonto
apha entloko, ubu mdoda, - i, kwe duni,
uzuhlak' uyihlo nongoko! Lo nto yazwa
ngokuba ubu nkonto akamnikeli
kubhoba uyise no nina nangoba
vesthetho sona esuthi aze ejenjalo.
Amanye amadoda asuke aphi ekuyaleni
kwaso, kwedini, udukisake ngenkomo,
ngqifa, mhlawumbi ngomfazi, njalo-njalo.
Uantonina nokuba incinci nokuba
mkhulu kuyaphwa ngayo.

Okugqiba ukusokwa alalisa kwakulo-
mnini-suthw. Emvem koko ayachitha-
kala, ahambe ekhaphana eqqitha kuqo
yonke imizi yakwamawabo ayokufuya
eyona emzi wakowayo ukude abuye
ngoku sele manje egethuka ngamanye
kwakuba malunga nomzi wakowayo.
Amakhwenkwe akuba ekhuthiwe kuthiwa

462

ngamakwala. Igama lobukhulu kwe
 alilabla mhlaba aluka, angabakhwethu
 nangona lisasetyenziswa eli lokuba
 ngamakhwenkwe nava seyingubakhwethu
 Mhlaba abakhwethu baphuma kuthiwa
 ngama kwala. Otho ngamakhwenkwe
 ngabathuka ngoko bambonisa ngokulikhw-
 sela ngentonga iwonga abangene
 kulo. Akukho mntu ubaye aphi nde
 atho ngamakhwenkwe abemsulwan
 Isoko lama kwala kukuvuka ekuseni
 ayokuhlamba imizimba. Kuthiwa ba-
 khupha iphila, oko kukuthi ap ukupha-
 tpha okudalwa yingeeke. Azingisa
 ukuhlamba ekuseni nokuthona kwe-
 langa de kube lithaba ephumile.
Ukubulwa nomchwabo nezila.

Umntu xa egula kuywa esanuse-
 ni esya kufika sibhabe izihlabo eya-
 nga ukugula kwakhe. Lih ngamanye
 amaxefa sibhabe ukuba uthakathwe
 igqirya. Umntu obedla ngokunukwa uku-
 ba ubiqwirya ibe iba ngumntu oncenkoro
 kubazalwane bakhe kungenjalo ibe iba
 ngumfazi ongathandwayo. Umntu ube
 nukwa ukuba ubulala indoda yakhe,
 mhlawumbi umfazi wakhe, mhlawumbi
 umntwana wakhe. Igqirya lakunukwa
 belisikwa ekuseni ngokubethwa ngeenduku
 lide life lize linchithwe ngezanti ezi
 baziwayo.

Ngamanye amaxefa ke umgulu bekuhlalywa
 ukuba skathakathwa, into ekhoyo utuna
 ukuba enzelwe amasiko. lize ke igqirya

luyelathe nento amakenzelwe isiko ngayo.
 Kungokelana izizalwane mhla lizakwenziwa
 elisiko. Kungandwa iinkomo zime ebaleni
 kuzo kuthethe umntu omkhulu athu - "
 Siyacamaqufa makungenzeki nto kumgulu"
 Zungeniswa ebuhlanti, ibanjwe loo ukomo
 ihlatywe esiswini. Ithi yakugxwala
 kuthethe/kwala matu mkhulu kwala
 mazwi ebethethwe zisebaleni. Yakufa kukha-
 wuleziwa kubhinzwe umkhono wasenzele
 ukuze kukhethwe kuwo nyamana ekuthwa
 zimputane. Ingekabhinzwa yonke inkomo.
 Le nyamana iswa kulaa ndlu momgulu
 ukuze yoswe apho ugoko; ayitye umgulu
 kugala bengakayityi bonke abanye abantu,
 nenkomo ingekagqitywa ukubhinzwa.

Inkosi ke iyaxelelwa; ithu ukuba iyathanda
 ibekho kuzo zonke izide inkosi iyaxelelwa.
 Kwezinye ibakho usiqu kwezinye ithumele
 umntu; kwezinye iyaleza ilizwi lokuba
 wile nge kugqitywe nokuba ayifikanga.

Kule nkomo yesiko, nyama ezityiwayo
 ziqale zityiwe ngabantu bekhaya phambi
 kokuba kwabelise abasemzini. Kubakho
 notywala obuthu nabo buqale ukuselwa
 ngabantu baloo mzi ba phambi kokuba
 kugqithiswe ezizweni. Ukuba inkosi ikho
 ihlala ngaku mnini-khaya, stye kunye
 naye. Yakuba ke impukane stywe ngu-
 mgulu ibhinzwa ngqitywe inkomo, kofwe
 izozo phakathi ebuhlanti. Laa mkhono
 bekusikwa kuwo impukane uswa
 kulaa ndlu yomgulu, ubekwe entla.
 Nyakutyiwa yimilowo. Izazi laxa inkomo

uke shalatywa lekhoqozelwa enqhayini
 libekwe ecaleni kwalaa mkhono kunye
 nenqhayi yotywala endlweni yomguli.
 Kuthiswa ke * kuphiwa abanum baloo myi
 ababubayo (ininyanya). Ezonto zihlala
 iintsuku ezimbini zingachukunyiswa, zize
 ke zityiwe ngale munu kutfhiswa ama-
 mathambo. Kugqale kuthiwe chatha intwana
 yotywala emathanjeni. Le munu kutyiwa
 inyama yothkomo leyo amathambo onke
 ayakukuzwa aqenwe angatywa nja. Opha
 inja uyapha inyama yodwa. Atfhiswa
 ngombala wawo wodwa. Inyama yale
 ukhomo iyankwa ngamandla ebantwini.
 Kufuneka kungekho mntu unaka enqa.
 kuthanga yayo kanti isekho. Ukuba
 abantu banuzo bayetya bayiqqibe. Uotywa
 la benjwanjalo.

ukuba uhe umguli wabuba kuse phaka-
 thi kwezizigunguma zale nyama uotywalas,
 kwa-oko ayayekwa ukutywa ilahlwe ele
 komgi ayine zizunjia kuba seyikukufa.
 akukho mazwi asathethwa xa kutfhiswa
 amathambo. Kodwa belitha lakwenziwa
 elisiko, elibizwa ngokuba ledini, abonakale
 okunene umguli ephakama kanti wose le
 phala kukufa abenako.

ukuba umguli akaphilanga, uhe wabuba
 ubesongwa iinyawo nengalo ahlaliswe
 ngokungathi uchophile, aze embelwe umnxhu-
 ma ongenzulu nonqex* banza kunyaphi kutyphi
 nesango lobuhlanti beenkomo. Kube kuti
 ke kuvulwe elinye isango apho zakuphuma
 khona iinkomo. Ummini-khaya ke ebethi

ukhuchwatywa kwakhe ajongiswe ekhaya,
ezandlwini, ambathiswe ngenqubo yakhe.
Impahla zakhe bezifakwa kwalapho
enchwabeni (iintsimbi, iingawe nyalonjalo).

Ukuba unyana wakhe omkhulu ububele
kwaqweloo nje, ubenchwatywa kwasocakeni
kukayise apho. Lam manchwaba kubekwa
emlonyeni wawo ilitye elithe iyaba kuze
kuditywe ngomhlaba lo ube uphuma
emnyanyeni wencwaba. Ngaphezulu
kubekwe amahlahla okuthintela.

inkomo ukuba zingagqubi enchwabeni,
nezinye ukuba zingatiphandi. Lamahlahla
ebehlala apho ade abole kungetho
mntu ungaze acinge ngokuwabasa
konke nokuba sele ziswele kangakanani.
na iintkani. Indaba kudala khuchwatywa
kuphela iinkosi nabanisi nokhaya.

Abanye bebefunelwa umphuma yama hodi.
baphawo kuyo kubekwe amahlahla
emith emameva. Abantu abenziwenjalo
bebelindwa de babole bathi bakubola
ke bangabisa lindwa, babe sisisulu
sana famuco asendle. Yayo loo nto
bekuthi xa kukhuzwa imntu kuthiwe
sizokuthi "Pum' ekhathini, hamba phakathi
kwabantu." kuba umhudi sedumbu
ebehlala ekhathini engasahambi ezunda-
wem zembutso yabantu abangabole-
lwanga kufa.

Umntu oyindoda xa egula wonqwa
ngamadoda ayizalwane zakhe. Akubona
umungiswa ngunyana wakhe ophakath-
ethunywa ngomkhulu. Omkhulu unyana

akasiphathi isidumbu sika yise. Ukuba
 akukho nyana sele mkhulu uza emva ke.
 mkhulu, siphathwa isidumbu eso uguyise-
 kazi. Nasechwabeni ulungiswa kwangulwa
 . mntu ubemsonga ukububa kwakhe. Ka
 ethwalelwa echwabeni ubanjwa zizizalwane,
 amadoda elahle iingubo phantsi, kodwa
 unyana omkhulu yena akabambi konke.
 Kwakungqijwa ukunchwaba unyana
 omkhulu ukhapha inkomo ayinke lowo
 ebelungisa isidumbu engumnewaka kayiso
 ke ngoko. Lo mntu uku nokuba ungu-
 mninawe wonyana omkhulu, ahlonitshwe
 njengomchwabi womnana khaya. Abafazi
 abambiza ngezama nokuba bekungetho
 mfanekelo yokuba bahloniphe igama
 lakhe, nokuba ngaphambili bebefudula
 belibiza. Uba njengomnye wayise abo
 bahloniphayo.

Oyinkazana umntu wonjwa ngabafazi
 aye akububa alungiswe kwangabafazi. Bathi
 ka ~~ka~~ azakunchwatywa bamthathe bambeki
 elucangweni lobuka. Amadoda ke ayange-
 na amthabathe ukumsa echwabeni ngoloo-
~~chango~~ chango, afike ambeki phesvu hwe
 uchwaba. Kungena amadoda omzi wakhe
 ambungise. Bekungay banku beminye
 imizi emnchwabeni phambili. Bekusiyi
 imilowo yodwa. Nayo imilowo ibe ihlalela
 gama kusondele lo madoda ampkayo.

Emva komnchwabo kunyazilwa
 iintsuku kungatywa masi, kungahanjwa
 ukuywa kweminye imizi. Ugale mini
 okunchwatywayo akutywa nto kungetha

fihlwa. Kudla ngokutjiswa sekusemalanga
 mhlawumbi selitjhonele. Ukufihlwa
 kungamasefa amabusa kusasa phambi
 kwentlazane kungenjalo emalanga.

Akukhohesi kupihlwa emini emaganda
 nokuba ukusetenzwa kwenchwaba
 sekugqetyiwe

Ukusuka enchwabeni kuywa emlanjeni
 ngumntu wonke ukuya kuhlamba
 imizimba kubuywa kuguywe sintloko
 ngabo bazizalwane ezondeleyo kumfi.
 Ziguqwa ngabangamadoda. Ezabafazi
 zikhululwa uphotho zibe ngamadlazala-
 la, zingaqatywa mbola. Kukhululwa
 zonke iintsimbi, abantu babe babi.

Emva kweentsuku ezingange cawe onye
 kufika usuku lokuba komulwe. Ngaloo
 olo suku kuywa kuhlanywa kushelwe
 ibokhwe kuthiwa kuyazukuxwa ngayo.
 Kubakho amazwi athi xa ihlatjwayo
 emalanga: "nye usikhangele 'bani' xa
 ngamadoda." Yakuba itjive lebokhwe
 bakhululekile abantu baloo nzi ukuba
 bawalje amasi, bahamba hambe phakathi
 kwemizi ekufutshane ezizihlobo nakhona
 ngamasefa ekungazukubakho bantu bemi-
 nye imizi.

Emva kokomula kuya abantu abayo.
 Kukhuya ukububa komzi - yizalwane zikha-
 tshwa ngabantu abamazyo nye umfi. Bafi-
 ka bafune ukuba umntu osele wayintlo-
 ko yomzi abekho baze bekwa kuye batho:
 "Sizokukhuya 'bani'. Sizokukhathatha
 ukuba uhambe phakathi kwabantu.

Ngale mun akwenzwa nto kubalika
 ugabisa bayalwane babese kaemomulisa
 umzi. Inkosi ke iyathumela ukuba
 iyeza kukhuya ngomhla othile. Iya
 nesizwe sonke yona. Inkosi ikhetha
 umntu osethuyweni kuyo ukuba
 enze amazwi. Lo mtu uthetha kwa
 amazwi athi: "Sizokukhuya ukuba
 uphume ehlathini uhambe ebantwini.
 Emva kwa lo mtu kuthetha inkosi
 kwamazwi akhuzayo, omelezayo.
 Inkosi yona yeleka ngamazwi ayala
 usapho olo lufiywe yindoda enkulu,
 ukuba lugcinane, lubekane, luncedane
 lululamele intloko yalo leyo ithathe
 isikhundla somini-khaya. Umnyama
 lo yozokukhuzwa uyathula angathethi
 konke. Kusuka umzalwane abemaye
 abulele into eyenziwe yinkosi ukuba
 kukhulula umntakwaso. Ukungathethi
 oku konyana oyabayo kwenzwa nga-
 bomlisiko. Akufuneki athethe elize-
 lwe uyakuba lula. Kuthiwa: "Sikutha
 tha usembi." Kuxhelwa inkomo, kutha
 lelwa inkosi ke. Inkosi ixhelwa
 inkomo ngabi yobokhwe. Olu khuzo
 lusilelwa utywala. Wonke umntu kufu-
 neka abluthe.

Inzulu yomp iyawiswa. Zonke izindlu
 ebe zizokhe ziyawiswa. Abafazi abaphayo
 bakhelwa ngokutsha. Isibaya (ubuhlanti)
 siyafeniswa kubaa ndawo besikuyo
 sakhiwe enkundleni ngaphamb kwe.
 uchwaba ukuze lona libe ngezantsi.

kothango. njengokuba ezindlu zimane
 zidibeka zivuswa kuluhlu olungemva
 kwezo zindala, ukuzi ekuqhubekeni
 kwesefa kuvuleke inkundla ebanzi
 phakathi kwezindlu nothango. Ukuba
 unyana osele ngumnini mzi ubube
 kungekafuduka kwelinxuwa uthanga
 nezindlu zifuduka ngoluhlobo seluxhe-
 lwe yenze loo nto ukuba utyululu
 lokubuya ~~umzi komzi~~ kubonakale.

ngogaga wenziswa. nokrozo lwamanekwa
 ba nezisele ezidlikileyo ezantse komzi.
 Malunga nethuba lenyanga ezintathu
 abanye abafazi babuye baxelelwe ukuba
 baphotha njengesiqhelo. Owakhe yena
 umfazi ngqoba ithuba elimalunga
 nonyaka esaxwebisile, ezilele indoda
 yakhe. Emva koko naye ubuye aphotha.
 Ukuba kukho abazalana abasazalayo
 abafazi bale ndoda bayingenwa
 zizininawe zale ndoda yabo ukuzi
 bangamki, bazalele umfi.

Kubizwa imizobo iyilhethe loo nto,
 bangulelwe amadoda amakabazalise.
 Umfazi unelungelo lokuphendula xa
 enyulelwe omnye umntu. Kodwa bob-
 bonke abantu abanyulwazi ngabo basi-
 duke sinye nesendoda yakhe bezalana
 ngokohlobo lobuntakwabo kundoda yakhe.
 Umntu ongena umfazi womfi nza
 nebokhwe afike ayishele apha kulendlu
 yalo mfazi. ~~Abantwana~~ Mthi uhlamba
 zitya ngayo ukuba abe yendoda
 yaloo mfazi. Abantwana abazalayo

utagalela umfi. xa kuzokulotyoliswa
kawato kwaba bafazi umngeni lo akaloboi
li yena; kulobola kwa unyana womfi
kuba umngeni uzalisa nye yenu akandoda
yamfazi amngeneyo.

Xa kubube wele kuthi phamba kokuba
kunchwatye elibubileyo kugale kulale
enchwabeni elo lisaphilileyo. Kuthwa
"kwendlalelwa elo kaphut libubileyo"
Kukhululwa impahla zeli liphilileyo
zunchwatye nel libubileyo; ukuzo
ezizilibubileyo zinxatywe leli liphili-
leyo. Njengakuba xa esemancinci amawe-
le anemithana yomhlontlo emile
ecaleni kwendle, lakubaba elinye
lasa wele nelinye ihlonlwana lise-
ke lome ngokwalo kuzenzwanga nto.
Umtshato -

Umfana uzeka kubantw angazala-
na nabo; kubantw abangaso isiduko usiso;
okokuthi umntu yezizwe sakwa Ngcoya
akazeki intombi ekwa li Ngcoya nokuba
sebhulukene kude ngomlibo woyise nokuna
elizweni. Njengoko bayazalana, bafazi nye.
Ukuba intombi yezizwe sakwa Ngcoya
yendele kumfana wesizwe sakwa Nguni.
Umfana wesizwe sakwa Ngcoya, wakwa
kulonye ube usewuzekile ngaphambili, use
nokuyakuzeka kwa Nguni, nakwuphina
umy wakwa Nguni kudabanyiswa nabo-
wo besekuzekwe kuwo ngaphambili.
Kodwa ke akwumelekile ukuba umfana
wakwa Nguni yena angazeka kumhlobo
wentombi yakwa Nguni. Angazeka kwezwe

sakwa ngoya esingengwa umlilo wezwe
 lakwa nguni. Phambili bekungavumelkeli
 ukuba umfana ayokuzeka kulo nina
 mhlawumbi kulo nna khulu. Kodwa ke
 njengokuba ~~se-^{off}~~ se-^{off} hulo wumelkeli
 njeziman ukuba azeke ukuvusa ukubhlobo.
 Umuntu akamzeke udade wabo wakokwabo,
 mhlawumbi ka nintomncinci mhlawumbi
 unintomkhulu; akamzeke udade-boyise,
 udadebonina nokuba ngabaluphina uhlobo,
 njengokuba abe ngudade-boyise ngokuzala
 na boyise ~~abaphila~~ oyise-mkhulu.
 Ukuba indoda ihe yalala nomntu
 wezandidi yalalweyo ukuba azizeke
 kubhwa benze umbulo. Ukohlwaywa
 kwabantu abenze umbulo, beywa phakathi
 kwe bandla, bahanjiswe ze bethukwa.
 Ulu lo uyadoda, ukuba unenkomo yakhe,
 ayikhulule, mhlawumbi anyanzelwe ukuba
 ayikhulule ishelwe. Lenkomo kufuneka
 ibe bala lindaka. Ukuba ayikho ezinko-
~~man~~ yakhe kutshintshintshela ngenze kuthe-
 ngwe inkomo ebala lindaka. Ukuba
 akanankomo ibe nguyise okhupha
 lenkomo emayihlelwe umbulo
 le nkomo iyashelwa, waye wonke
 umntu ofakayo nyavakaliselwa ukuba
 le nkomo yinkomo zamanyala, yombulo
 kufunwa amahlamvu akhaxayo, ifiswe
 emhlwem wawo ukuzi ikhaxye. Lo nyama
 yenjiwenjalo inikwa abenzi bombulo
 ukuba basikelane bayitye. Le nto yonke
 yenziwa kakubi ngokubadlathuluzi
 abenzi bobubi. Nabo bayaqonda ukuba

abantu aba sebezinyamazazi ngakubo.

Ababa nathamba lokuba bakusinda eku.

Getiyangweni kuba kulhuwa bathakathile. Badla
ngokufudekela kwamanye amazwe ukubaleta
ingqimbo yabazalwana

Ukuba isizwe sesandile sade sanezindlu
esezizibiza ngamanye amagangana
ezibangweni yazo kulhu ukuba kwenzeke
umbulo kuse kutsethwe ezokuba lowo
nyundoda makanzeke kube kenyeke
ukusukela loo mini wamzeka umbulo
shlangeni ezo zindlu zoba zizizwe
ezizakanyo. Ukusukela ke umbulo
kufune ka akhuphe umfana inkomo
eyodwa engabalelwa khazini ekuthiwa
shlanga umbulo. Umzekelo wokuzekaan
kwezizwe ezikufutshane ngokuhlobo lokuba
izindlu zahlukene ngezibongo ~~at~~ siwufu-
mana ku Madlamini; Akho ama Zizi
akwa Jama namanye Ama Zizi angengo
waka jama, oko mzekelo ama Chobo. Lama
~~Madlamini~~ ayendiselana kuse kulhuwe
umfazi ngu majama mhlawumbi Ma-Chobo
endaweni yokuba Madlamini.

M-Phawulo lo-ntshato — Ntshato uyaphawuka
phantso kwezimeko :-

(a) Umfazi akuziphatha, ukuba uqumle
osoloko ~~at~~ emithiswa ngamanye amadoda,
yaze indoda gadinwa. Kuyaklelwa xa
indoda imalile. Xa kukhethwayo elaw
umfazi alizeleyo endodeni libelhana ne-
inkomo ukuzi kulhu ~~at~~ kubekho inkomo
yempahla awayeze nayo umfazi ukwe-
nda kwakhe. Ngoko indoda eyayilobole

inkomo ezisibozo waze umpfazi wazula
 abantwana (amasu) abasixhenxe ayikhethe
 nto. Basuke babhekane nomfazi engu
 nfunyo. Ukuba yayilobale inkomo ezise
 bozo waze umpfazi wamasu nakhathe
 ifumana inkomo ezine xa kukhethwayo-
 ezintathu zimele abantwana, enye imele
 impahla ngoko ikhangelwa zinkomo
 ezine. Amasu xa ezigqibala ezinkomweni
 akukhethwa kuba indoda ayihlawulisa
 ngokuzigqibala ekhazini ngabantwana.
 Ii-lingelo kusontomla kungekathwa-
 na ukuba angavumi ukuba ekhazini
 ligqibala libe ngaphantsi kwamasu
 ngokumane elobolisa njalo kumkhwenyana.

Ukuba umpfazi wayemathiswe yindoda
 yaze yadlwa xa kukhethwayo ezinkomo
 ayibalwa ukuthi indoda yawuse buyise-
 lwe ekhazini zezinkomo zokumatha
 komfazi. Yayo loo nto abanye osontomla
 bathu ukuba imfazi yakhe imathiswe
 ngumntu wahlawula, bayokulobolisa
 ku mkhwenyana ngelithu, "Asintombi
 yakho ayigese udle ekhazini ngayo.
 Abanye ababi namandla okuyenza
 lento ngenxa yokudana lihlozo
 elenziwe yintombi yakhe. Umntwana
 ousa zekabam sokuba umpfazi aliwe akafi-
 gelwa nkomo kuba umka nomfazi, asi-
 agowendoda.

Iinkomo zintlawulo zokumatha komfazi
 zine umntwana abe ngowendoda yomfa-
 zi ukuba ayimali. Iinkomo zokuhlawa-

kutumbha kwentombi zintlanu; umntwana
 na abengowaloo ndoda iyimithisileyo
 (6) Ngelinye ixefa iba ngumfazi odawa
 yindoda ngokuthanda enye indoda
 mhlawumbi ngokuphathwa kakubi
 yindoda leyo yakhe. Kuthi ke ukuba
 uyise womfazi wayiswe zintombi yakhe
 kufuneka ukuba kukhethwe ngokuhlolo
 seluxeliwe. Umfazi xa esalwa yindoda,
 nokuba ke unyaphina ingxabano nabantw
 bomzi wakhe kufuneka ngokwesiko ayibeke
 loo nto isimangalo ku Nkulule yaloo mzi
 ngokokhazalana kwabo ukuze ithethwe. Ukuba
 akankheli usugweba sentkulu leyo uthwale
 impahla aye kowabo. Indoda nayo
 ukuba inengxabano engevanyo ngayo
 nomkayo ummangalela ku Nkulule ukuze
 bahlanganisewe ithethwe yimilowo
 ukuba akawa ummangalela kuyise
 womfazi ukuze ayyale satombi yakhe
 kwasa kuyiswe ezintkundu ekudla
 ngokutha kulandele ukhetho noDhawulo
 Mphato. Ukuba umphato awughawu-
 lwanga ngokukhetha nokuba umfazi
 selede endle ayale abantwana kuloo
 ndoda, usazalala leyo yokungala
 angazange akhethi. Indoda yokungala
 ayakuzi yokurawola amakhazi
 entombi ezyelwe kule ndoda yesibini
Dzindlu-

Inkosi abe izeka umfazi wokun-
 gala ekuthiwa aso sula ndaka. Lo
 mfazi uzala oonyana ababazinkosi kodwa
 bengezondlamapha zinkosi. Ukuba umhlaba

ukho bayamkwa isiqwenga baphathe
abantu. Kodwa sona isihlalo se nkon
sikude kubo. Ukuba umhlaba awukho
abangawuphathayo baluluhle nje. Ikhokwabo
lifuya ngokuphawululwa nangokusebenza
koonyana balo besakuba badala.

Emva komfazi womdaka inkosi inokuzeka
owasekunene kugala mhlawumbi owendle
enkulu kugala. Owasekunene uzekwa
ngentso zinkosi mhlawumbi ezika yise
wenkosi, isizwe asikhuphi nto ngaphandle
kobani nobani esuke inkosi yazibeka
kubo njengezihloko mhlawumbi induna
ingelo nyanzelo ukuba balobole. Ukunene
ke kuba lu phondo olulodwa olungenakha
dilelane nendle enkulu ngamafa ngapha-
ndle kwasa kungazalwanga mpela ekunene.
Luthu ke ilifa lase kunene luye kundle
enkulu. Ukuba kuko oonyana ekunene
liya kwabo nyana kude kuye kowoku-
qibela. Ekuphatheni umhlaba bakwafu-
ngamiswa njengaboya bomfazi womdaka
xa umhlaba ukho. Ukuba awukho balulu-
hle. Bangabaninawe entosini yendle
enkulu nakubo bonke oonyana bendle
enkulu, nabama qadi endle enkulu,
nangona kuzo yonke inkosi bahlala
oonyana basekunene bencwase ukubanga,
bengayamkeli kakuhle into yokuba
bangabaninawe.

Indle enkulu yona szechwa sisizwe.
Xa inkosi yakuzeka nomfazi wendle
enkulu kublangamiswa isizwe kuthiwe,
"Inkosi ayinamfazi. Isizwe asinamama"

Komazantsi eba zinduna ezinkulu ezindulu-
la inkosi ngokuthi, "Isizwe asuna inkosi."
Ukuba ke inkosi ibe iseyanele ngabafazi
ithu ukuphendula, "Ubona njanina, mna
sendiphelile ukuzala" itho sazala.

Amaphakathi ka ayazi ukuba xa isitho
nesithandane kazi kubafazi bayo efonje
ukuba kubekwe sona. Sakuba sigondwe
ke eso sithandane kazi ukuba silungile
ukuba kubekwe sona, kubekwe sona.

Inkosi inako ukunyula ukuba kubekwe
intombi nokuba asyo yinkosi.

Ukuba inkosi ke ume ukuba kuzi-
kwe umfazi ozakuba yinkosikazi, isizwe
kuthwa masikhuphe inkomo. Ezinkomo
zikhutshwa ngovuyo, kwaye nokuba
zisele ekhazimazi azibi saphindela
kuba ninizo ziba zezinkosi ukuba izi-
fuzi mhlawumbi izike imnye umfazi
ngayo. Loo uze kwe ngazo bezingakhu-
tshelwanga yena aknabango lokuthu
watholwa ngenkomo gesizwe kuba
zazitholwa sezize nkosi. Loo mfazi
uthi wabekwe sisizwe ukuba abe yinkosi
kazi, unyana wakhe ithatha isikhundla
sika yise ebukhosini. Le mini udulu
lubonwayo, intombi nabanakwazo zodulu
nabandisi, bakpela enkundleni phambi
kwebandla lesizwe, ukuze izikhulu
zesizwe zithethe lamazwi: - "Namhlanje
lo mfazi uzekwayo yinkosikazi yesizwe
ezakuzala inkosi." Unyana wenkosikazi
nguye oba yindlamafa yenkosi kuzo zonke
impahla zayo engaziphawulelanga

abezinye izindlu. Abanye abafazi abazekwa-
 yo babangamaqade endlu enkulu, nendlu
 yasekunene njengoko bezekwa ngentamo
 zendlu enkulu mhlawumbi zendlu yase-
 kunene. Kubakho nabafazi abazekwa
 ukuvusa umfazi obubileyo. Unyana womfazi
 onjalo ngumama wonyana walondlu
 umama avuse yona Odade wabo balifa
 kunyana walondlu ngokungithi bazalwa
 ngulomfazi wobabayo. Amaqade wona
 akupha umphunga (okokuthi ekhaya lentombi
 enkulu) ukuya kuloo ndlu inkomo zavela
 kuyo xa kwazekwa igadi. Amanye
 amantombazana namafa aseke ase qadini
 adliwa ngunyana wase qadini enkulu.
 Ngaxa lumbi umfazi akazali wendlu
 ethile. Dukho inako ukuzeka omnye ngee-
 nkomo zalondlu kuthiwe sisise saloo-
 ndlu. Umfazi onjalo akanagama nga-
 phandle kokuba "usisise" Unyana
 abazalayo babazindlanifa zaloo ndlu
 kodwa amantombi yabo abayenzi nonina
 lo ubazalayo bayenza nonina lowo bazalwa
 yena ebengazali. Bazindlanifa kuye
 bangonyana bakhe. Umama akutho nemfu-
 neko yokuba aphawulelwe kuba usajengo-
 ngekoye, usisise ngokwenyani

Xa kungazalwana endlwini enkulu ilifa
 luya eqadini lendlu- enkulu njalo ke kude
 kuye eqadini- leqadi lendlu enkulu ngokube-
 kwa kwawo. Xa kungazalwanga ~~abanye~~
 eqadini babase kunene ilifa luya
 likunene njengendlu yalapho, kodwa xa
 kungazalwanga endlwini yase kunene

elifa lase kunene aliya egadane lase kunene
 luya kundlu enkulu, kuba egade lijongwe
 njenge lifa. Luthatyathwa kunye neloo lifa
 libe ke ngoku egade lendlu enkulu
 ekuqibeleni koluhlu lwamaqadi endlu
 enkulu. Kodwa xa kungazalwanga ekunene
 kudla ngokuzekwa umpazi ofakwa ekune-
 nes ukunganda ukuba elifa laloo ndlu
 lungaya kundlu enkulu. Yena ke loo mpazi
 nouse ukunene ukuba lbebubile umpazi
 wase kunene, abe sisisi ukuba usakho.

~~Akubona ukuba umuntu kuya umkakhe~~
 akanalingelo elifeni kndoda ngaphandle
 aje kokondlwa ngunyana wakhe oyindla-
 mafa kuloo ndlu, mhlawumbi, ukuba aka-
 zalanga nyana, loo mntu nguye oyindla-
 mafa. Umpazi womfi nyahlonelwa, axele-
 lwe yindlamafa xa yakwenza into ezimpa-
 hlens zomfi, indoda yakhe.

Abantu abangezizo intaba ababe ke, ngoko
 loo mpazi uze kwe kugala nguye inkonkazo
 Olamdelayo kukunene. Abalandelayo
 ngamaqadi ezo zindlu kuze kwe
 ngenkomo zazo. Amafa alawulwa ngo-
 kohlobo olunye nolwenkosi; oko kukuthu
 ngokohlobo luchazwe ngentla apha.

Inko loku phawulela.

Kuphawulelwa oonyana abancinane
 kuba omkhulu yjongiswe elifeni eliya kufijwa
 nguyise. Xa kuzakuphawulelwa unyana
 kubizwa unyana omkhulu kunye noyisekazi
 ukuze aphawulelwe bebona. Ukuba unyana
 omkhulu usemncinane kubizwa ooyisekazi
 babone ukuze babengamanqina okuba

okwenyama waphawulelwa. Ukuba ayenziwa
nga lento kuphela nokuba akaphawulelwanga
kanyana omkhulu, ukuba nyathanda, untho
zithimba.

Simpahla yonyana alawulwa nguyise
kuyo yonke into. Unokuxhela kuyo xa
ethanda. Akukho mahluko kulendlela
yokulawula impahla yonyana nokuba
yeyiphi sebenzo yakhe nokuba yeyokuphawu-
lelwa. Kodwa umzali obungileyo ongafu-
ni sikokho konyana bakhe, ucebisa
nabo ngeempahla zabo phambi kokuba
enze into kuyo.

Amasiko Asendlwini:

Mmfazi kufuneka angaye kucala lika
yise endlwini. Akaliphayeli, akalityabeki,
Ucela ukwenzelwa ngabantwana. Akukho
nto anokuyenza kwelicala lika yise.
Mmfazi akaliphathi selwa ngaphandle
kokuba lelomntwana wakhe, nakhona
abe wulelwe ukuba elomntwana wakhe
angaliphathi. Mmfazi akangeni ebukhantini
engazitheli nasekhundleni de asuke
eme owakhe umzi. Nyangena kubukha-
ntu bomzi owakhelwe yena, kodwa ukuba
uthabathe umzi ka yise akangeni ebukha-
ntu bawo nenkundla yawo engazinyatheli.

Uyise akaye kucala lika molokazana
endlwini ka molokazana engena kwamba
pha nengubo eyambathwa ngu molokazana.
U-molokazana naye akayiphathi into
esetyenziswa nguyise, Mmfazi kufuneka
angazitheli iintonga zamadoda. Lento
yokuba umolokazana angaziphathi izinto

uzsetyengiswa nguyise zimbeke ayibonisa
yokubhlonela. Nomyeni wakhe akahlali
kumdamo ehlali uyise. Izinto zika yise
uyazihlonipha. Unyana akanako ukuse-
benzisa indlu kayise nomkakhe. Ulala
enyanqwem xa engekabimandlu yakhe.
Kufune ka azakhele eyakhe indlu. Aku-
khathaleki nokuba uyise nonyana sebe
bubile loo ndlu ibe iyeyabo akanako
ukudibakela kuyo nomkakhe.

Inkosi

Umntwana oyakuba yinkosi, akuba
mdala, uba phantsi kweempulho ezahlw-
kileyo kwabanye abantwana. Kwesakhe
isicakathi kufakwa ithambo lengonyama
ahlanjwe ngentelezi. Imbwa, ikhandwe,
afakwe emanzini, ahlanjwe igayo. U-
swa kwi khwela ukuba lingonye.
Kwenzelwa oku ukuba ake nesithunzi
sokuphatha abantu.

Akuba mdala uyahlulwa kwabanye
abantu. Okwakhe ukutya kuyakhetiswa
angafumane atye zonke izinto. Akabona
mphekeli wahlutileyo kwabanye abantu,
kodwa ukhohsa ukutya ukutya okwenziwe
ngunina, athi akuba nomfazi atye
okwenziwe ngumkakhe.

Akuba yindoda kubizwa abazalwane
aze uyise amphe igama ayakubulawa
ngalo. Eligama ke, lixelwa isizwe embizweni
Liyaphakama iphakathi lithi xa kubulawa
le nkosi makak makulhawe: - "A bani!"
Ukusukela ngaloo mimi uba umntu xa
edibana nalo nkosi athi: - "A bani!"

Angabuhayo uba netyala lokudela inkosi, yaye ngenxa yobupalafume bamaxefa aphambeli bekungekho ntu umokungayabulisi inkosi, eyaza ukuba yinkosi. Apho kuhamba inkosi kubakho induna ezhambe zidithe kubantw ekudityanwa nabo ngendlela: - 'yithu 'A bani'. Ukuba akathongo sele delile. Nyakudliwa ngokudela inkosi.

Xa kubhekwe isoloko inkosi ibekwe ngaphambili nganyana ebandleni, kungabakho futhi ukheli ngasemva nasecaleni kwayo ngaphandle kwenduna enye ehlala ecaleni kwe nkosi, engumloso wokukhupha amazwe athethwa yinkosi:

Inkosi ayityi namntu kodwa ngamanye amaxefa iyatho enduneni yayo ukuthi masitye kweso setya sayo. Induna efumana elo wonga iyahlonelwa nasisizwe njenge nduna esondele inkosini. Induna ibange quba.

~~Ukhalawula kwe nkosi~~

Inkosi iba nezibonda - amaduna - elalini yayo eziliso lokulawula. Xa kukho into eyonakeleyo ixelwa kwelwonduna laloo mmango, ibe lilo eliyisa komkhulu inkosini

Inkosi, ke, ithumela umntu wokumbiza umoori lowo eze etyaleni. Kubakho amadoda aba hbandla lokuphulaphulisa inkosi. Isiqhelo mandulo saba sicesokuba amadoda avukele komkhulu ukuya kubutha uje kodwa. Kodwa, ke, xa kuthe akwabinjalo, inkosi ihlanganisa izikhulu

zelali leyo ukuba zibekho ngomhla ebumsele
ukuba ababambeneyo zibeze eyalenu elo.

Amanqhina ayafeniswa amane ebizwa
ngokubizwa. Ummangale nommangale lwa
babekwa ngangand phamb kwebandla
kodwa bathabathe izikhundla ezahlukeneyo
kugale kubekiswe kummangale ukuba
anike inkcazo yakhe. Ummangale lwa
umkwa ithuba lokuzibuzela kuloo nkcazo,
nentosi namphakathi uyayenza int
imbuzo kundaawo ezenqwenelako ukuba
zicaciswe. Emva koko kubizwa amanghina
kandimangale kwenzwe imbuzo kwa
ngololuhlobo ibenziwe ku ndimangale.

Emva koko ummangale lwa wenza eyakhe
intetho yokuchazela inkundla ngomonakalo
lowo nokuphikisa intetho zika ndimangale
namanghina akhe angaba ufuna ukuziphik-
ka. Nyaxulufwa hbandla ngemibuzo, ulande-
lwa ku namanghina akhe ~~int~~ umma-
ngalalwa alu nawo agqoke hbandla
ngemibuzo njengokuba betwenzwe
kummangale lwa. Kondimangale uvume-
lekile ukuba eze imbuzo kundimange-
le namanghina akhe kwangeloxefa
hbandla libuzayo. Namanghina akugji-
ba eyawo intetho ajika abe hbandla,
abenokuyenza imibuzo alhanda ukuye-
nga. Ngexefa umntu abuzayo naxa
sukuba esenza intetho phamb kwenkosi
kuphuka eme e ngenyawo alhule
umngwazi entloko ngaphandle kokuba
muvunye lwe yinkosi ukuba angathetha
ehlel phantsi.

Kwakuba kubuzwe ngokwaneleyo
 macala, undimangele nommangalelwa
 namanghina abo bayafenjiswa, kufijye-
 kwe kuxovulwa ityala libandla, ukuba
 lifumane esona sigwebo selungileyo
 singenziwayo. Kwakuba kuvunye lwene
 ngesigwebo bayabizwa abamangalelani
 namanghina abo ukuzo sigwebo sinikwe
 yinkosi ingatolikelwa, ezindlebeni zika
 undimangele nommangalelwa nama-
 ngqhina abo nebandla. Lowo ngwetyiweyo
 kufuneka ngeentantw ezimbalwa ahlawule
 ukuba ityala elo lelifuna inllawulo
 kumgwetyiwa. Ukuba akahlawuli kukhu
 tshwa komkhulu "umsila".

Loo msila ibe iba yinduna yakomkhulu
 lu iphethe umsila wengwe, ubhonywe
 eluthini. Ibe afika iwugxumeke phakathi
 komzi lowo ndliwayo.

Yakugqiba ukwugxumeke isuka ibaleke kuba
 waye ukuba ingabulawa ngabo bantu abazisele
 intantw. Ithu ke, xa iselula komzi, ememeze
 emzima lowo ithi: "Ngqo umsila wa-
 komkhulu!" Abantu baloo nzi kwaoko batfho
 baphithizele kuba "umsila wakomkhulu awu-
 dali emzini, waye ubhlawulwa ngenkomo
 eyodwa eyahlukileyo kwezuya zesigwebo.
 Uncothulwa ngentlawulo yenkomo kuloo-
 ndawo, waye ukuba umntu uwudlelele
 akawunaka, ubethinjwa zonke inkomo
 zakhe ngempi mhlawumbi naye abula-
 we ukuba akasabanga tanci.

Ubutyebi bakomkhulu buchithwa ngoku
 hijwa li komkhulu neentantw zalo na

ngokubusiswa kweenduna zakomkhulu
 nangumzalwane, ukuba nyathanda nya
 busa komkhulu, alhe ke ngenkebenzo
 yakhe, esabenzela inkosi nenkapho yayo
 ngaphandle kokugqwa, abusiswe inkono
 nokuba yintonina ke alhe wajonga yona
 ekubuseni kwakhe. Abanye baye babuse
 inkono, abanye umhlaba, abanye iingubo
 njalo-njalo. Umntu ubusiswa loo nto
 alhe uzokubusa yona, alhe ukuba aka-
 nyumbanga nto, abusiswe loo nto
 inkosi ithande ukumbusisa yona. xa
 umntu ebulela ukubusiswa usuke
 alahle ngubo ange sandla senkosi
 ngokusincanisa nokuba kukuliphuna
 icala.

Ngeendlela eyinkulu ngulowo uyazi-
 phandela iindlela zokuphila kodwa
 sandla senkosi siyakhululeka kwabo
 subaba bazokuzifika njengoko abantú
 abantúndu behasana bakade. Uthe
 angena kutya ankinge isikotile
 kwabo banentwano abaziyayo kanti
 wophala ide mhlala igqithe.

Inkosi kunyonyonke into eyenzayo isolo-
 ko ikambisene nebandla layo. Inalo
 ibungelo lokwenza ngaphandle kokubungisa
 abantú bayo kodwa ukuze ilawule ngo-
 xolo nangemoisiswano iyabungisana
 nalo ibandla layo. Ibandla lona
 soloko lilandela inkosi. Liyayiphukisa
 xa ngaba ayinhanizi kodwa xa inkosi
 liyayithobela. Kodwa alhe inkosi ukuba
 iphikele ukugqwa ngaphandle kokuba-

Mkungamka kwesithabatha kwelatha ukuba loo nkosana seyiphethe. Isloba lemfazwe iba lelenkosi. Ziphutjwa ezo nkomo zithunjweyo ziyokungalelwa ebuhlabeni komkhulu. Inkosi usuka imane igithe kwabazantloko: "Bani, khupha leya wena." Yabela iintloko eziphambili lesizweni. Abanye balwela nje ukunyusa rwoonga layo kukho kungekho ntlawulo bakuze bayipumane ngaphandle ng kokuzibela exhobeni apho xa lungekayo khonk' komkhulu, kungekho nduna yakomkhulu ibonayo.

Abafazi xa kukho imfazwe basebenza ukuhlaba umkosi. Iba ngabo abamazwi abukholo mkulhu, i- "Iwui!!" ibambene ngazo ekuthini lomntyanzanyo banikezelana ngawo kumimango ngenimango. Akukho ndoda ibuye ibe nombuzo yakuwuwa. Iwa eyekha lim zayo singe kwelo cala uvela ngakula. Abafazi bafyeka beqokelela iintsapho zabo xa impi zakuhlanguana nolshaba bafayezela phezulu baba buhamba ze ukungemka amandla kwakupka iindaba zokuba "iintlo zoxantsi zisele" akupuneki benze sikhale.

Ngezeja lemfazwe kutjwa inyama namasi kuphela kuba igisele zifyeke emva xa sekusatyelwe emahlathini.

Xa kusaliwa imfazwe ama dodda akupuneki adubane nabafazi bawo, angayo nase-mankazaneni kuba kulwa ayakuthamba abulawe lula lutshaba.